

*Dafeywa gu mama se di yikedama
Di tshizwa zi tsizi, di ne hayu-hayu
Di yi kedamana eyi tagatwana.
Ege napazayi napatu pa kwetu.
Di nayo ne gama umteketiswana.
Diguy'u Sinama-dikunamateye.
Di peyeke mama, da qauka yi ggeye
Di coye, di coye, di guy'u Kekana.*

Lwatsho ka buhlungu usan'oludala.
Yasel'ipambuka yaya kulutata
Yayipos'emhlana lontwan'imanyana
Iyse'ze masana, yahlut'imvekwana.
Yay'pete mahlala anamafutana,
Yawatwal'entloko, yamemek'usana.
Kute kwakuba pi, wawakal'umtana.
Watsho ngentetwana, yobutangatwana—
*Di sise zezana, dibe mafutana
Yipe i kekana, kuya mapisana
Kuyo maseywana, yip' u Tamekana
U-Depe-pomwana, owak'umcoywana.*

Lwahliswa usana, ngunin'umhlezana
Lwapiw'amafuta, kwelinye ihlala.
Lwaman'ukwenjalo, amaxa ngamaxa,
Ad'asuk'apela onke lo maselwa.

Lwabiz'alwayeka, layiy'inkazana,
Yat'ukulandula, yabula nezandla.
Lwenz'imfakadolo, lwamtwax'umdlezana,
Lwamfaka imfiko, suke nqadalala!

Lwaye olusana, luxake nga nto nye,
Lune mpau zonke zokuba linyange.
Lunayo ibelu, lunazo nendevu,
Lunayw'imibimbi, namenyw'amakulu.

Kwa nak'ukuteta. Hay'indaba zentsomi!
Lwayeke lunjalo, lukal'ecaleni,
Lomendo wendlela esinga ekaya,
La kule nkazana, yacola lo untwana.

Iti ke intsomi, kute kusenjalo,
Suke olusana, lwe jike ngaty'olo.—
Kwe tu uxwebetu, selusigebenga
Intw'emehlw'abomvu, ixegw'intw'endala.

Savakala 'siti, ngegqum'elikulu—
NDIYA KUKUKWITA, NDUINGU SIDLABANTU.
Satsho samdl'umfazi, enkat'enkangala.
Samdla umdlezana, okad'esapuka.

'Yevana mfondini imb'ali yolusana?
Unjalok'umhlaba, usisigebenga,
Esihend'abantu, ngesaci sosana?
Ulila, nditeta, ngokulusizana.

Ulila uteta, ngayo lemincili,
Nazo eziyolo, zenze isanzwili.
Uhlel'emendweni, osinga ekaya.
Kwi nyangw'epezulu, kwi milondekaya.

Ukutsho ke nditi, wuqonde umhlaba
Ukub'uhleli nje, uvez'amaqinga
Okuwisa onke, onk'amagqoboka
Abewushiyile. Uyawalandela.

Uhlel'enqineni, ngazo, kany'ezonto,
Uzalatileyo ukalaza ngazo.
Ngazok'ezonto zimhlambi wantaka,
Uwuncoma ngazo, uyallilisela.

Umhlaba yinene, usisigebenga
Esi ngu Mncamisa. Uqatanisela.
Waginy'o Akana, nento zika Kora
Uginye izizwe, nanamhl'usabimba

IMBALI YASE MBO.

[IVELA KU REV. P. J. MZIMBA.]

No. 2.

Le mbali yanamhla ise kwayileya yake yabonakala, koko inendawo ezilungisiweyo ezaziposisiwe kwa nezongeziweyo ezazingeko, kuba lento ababalisi behla ngokuhla ukwenza imbali ade nombali, akohlwe yeyona makabale yona. Imposiso ezingabakoyo nakule yanamhla zezingenakuncedwa kuba imbali engenamakwiniba sekunqabile ukuyifumana. Yenjenje ke namhla.—

UMNOMBO WENKOSI.

Kuma Mfengu apa kuko isizwe ekutiwa ukubizwa kwaso ngaba Mbo, ukwahlulwa koma Zizi, oma Bele oma Kuze noma Zotsho, nezinye izizwe ezavela e Mbo. Xa ke kutiwa aba Mbo kutetwa ama Hlubi, abase Kunene, nabakwa Maduna.

Umnombo ke wenkosi bawenjenje ukuwuxela abanye. U Ngubenkulu eyambawako, uzele u Ludwo. Unina yintombi ka Mcumane um-Ngunikazi.

Ema-Mpondweni zonke izizwe ezingase Ntshonalanga kwanama Mopndo, kutiwa nga ba Nguni, nokuba nga Bate-mbu nokubangama-Gcaleka nokubangama Ngqika. Ngoku sekusitshiwo nakuma Mfengu avela kweli lase ma-Xoseni. Kanti igama laba Nguni livakala nase-Nyasa kwizizwe ezipakati e-Africa eziti zivela kulamazwe sikuwo zagxotwa zimfazwe zabalapo nje. Kuko ke aba-Nguni abangabase Mbo bona, ekukoleka ukuba ukuze babe ngaba Mbo nje beza nentombi ka Mcumane, um-Nguni, eyendela ku Ngu-benkulu.

Ngab'aba bapantsi kwe ntaba ye Gqira emantloko e Tyume, bapetwe ngu Sikunyana ka Makalima umzukulwana ka Mawoshe. Abaninawa bake base Tsitsa. U Lize ope-ptye naye isizwe sakowabo no Dingana no Mehlomadala. Oyisekazi baka Sikunyana o Msengana, no Msinga basala emva bona. O Jodwana ose Sheshegu; abafu bo Mjajubana, Sicina no Mpalisa ose Mxelo nabo Goduka kwa Gaga. Kutiwa ukubongwa kwabo:—

Nina Banguni be Mpfane no Tukela,
Abacomba band' ukusukusukula.
Banguni bakulo Mcumane,
Abeza bebahle nje ngokwindla.

U Ludwo uzala u Sidwaba, ozala u Maxuza, ozala u Flatel'ilanga, ozala u Mhuhu, ozala u Masok'asenzimane ozele u Mtungwa. Unina yintombi ka Mzimkulu. U Mtungwa uzele u Mhlanga. U Mhlanga ozele u Msi ozala u Ndlovu-zidlekaya, ziswele umalusi, ozala u Dlamini (wanqangi) ozala u Mtimkulu (wanqangi). Unina ka Msi yintombi ka Sikosana.

IMIVEMVE

Ekuteteni Imivemve ngati ipuma ku Mtungwa ozele u Mhlanga, wazake umninawe wake wangu Mvemve ozele u Gasela. Kutiwa yi Mhlotsheni yase kunene. Izipakati ezikulu. Abafu bo Siwundla, u Harmans no Tom, abafu bo Gubevu u Ngxukumeshu nabanye, abafu bo Mazwi, ongu mfundisi pezu ko Mtata, e Tabasa.

ABAKWA MSI.

Abakwa Msi,—ngentombi ka Sikosana. Ngu Vazi ozele u Mhlanga no Mahlahla. U Mhlanga ozale u Mbulawa no Sewuli no Mhlope. U Mahlahla uzele u Paka no John nabanye.

AMA DLAMINI.

U Dlamini uzele u Mtimkulu, u Malunga, Ncobo. Oyena nyana mkulu ngokuzalwa ngu Malunga wasuka isimilo sake asalunga kwabonakala ku Dlamini uyise wabo ukuba umzi uyakuwucita waselefaka u Mtimkulu ebukuluwini. U Malunga inzalo yake ngo Majekane ozale u Sijekezi ozele u Mandla ozele u Mzileni, u Mgijima no Bolosha. Abaka Mzileni ngo Cengcengu no Hlonga abase Ncwazi. Abaka Bolosha ngo Matshakaza Qanda no Kokomana nabanye base Roxeni. U Ncobo yena uzele u Mhlokonde, uzele u Mnyaba, ozele u Ngumbela, u Sidzumo no Tuzwa no Gijana. U Ngumbela uzele u Madikane, u Vabela, u Mqulwana nabanye. U Sidzumo uzele u Gcangca ozele u Mpitimpiti ozele u Jan nabanye. U Tuzwa ozele u Nukani no Benet no Gwanxu. U Gijana uzala u Xesi no Dokoda nabanye. Ako amanye ama Dlamini angalandeki ndlela yomkondo wawo, sekusele kupela ukuti apuma ku Dlamini wanqangi, nokuti ngamazala nkosi, nokuba ahlonelake kakulu. Ngabo o Mashalaba nabanye.

AMAMBANGUBA

Akusalandeki kakuhle apo avele kona kodwa indawo eqondekayo, u Radebe wanqangi uzeke intombi yasema-Mbangutyeni yanzalela u Zulu. Kwase kusitiwa lo ma-Mbanguba ebeze kwenda nenkosazana aseleba ngono Zulu, kuba inkosikazi unina ka Zulu kusitiwa ngu no Zulu. Ngo Socenywa no Pezisa nabanye kwa Gaga.

Kute ke konyana baka Mtimkulu, u Ncobo no Radebe kwadaleka izizwe ezibini; ngokusuke ati u Ncobo engomkulu nje konyana baka Mtimkulu, ati noko azekelweyo angabakataleli abafazi bake, asuke abale. Ite londawo yawakataza kakulu amapakati, kwabonakala kuya kubako isonakalo ebukosini nokubangisana ngobukosi xa u Ncobo lo angenamntwana. Kwavunyelwana zizipakati ukuba u Radebe makabangene abafazi bomkuluwe wake, amzalele abantwana. Wabangena ke (u Radebe) wazala kumka Ncobo omkulu, u Dlomo, kwintombi ka Hlubi (i Bele) waza kowake umfazi wazala u Zulu. Ute mhla waluswa u Ncobo, wati akupuma esutwini alindela amapakati ukuba u Radebe uza kubunikela ubukosi ku Dlomo, kuba namhla eyindoda evelile. Akubanga njalo, wala nabo u Radebe.

Kwaliwa licala lakomkulu lakwa Ma-Hlubi, lalwa liquba u Dlomo; lalisilwa necala lase Kunene lika Radebe, lipetwe ngu Radebe lowo uyisekazi ka Dlomo ngesiko, nakuba emzele wayemzalele u Ncobo umkuluwe wake. Yagxotwa eyakomkulu yakwa Ma-Hlubi yakulo Dlomo. Ite xa igxotwayo kwavela ama Nkomo amncedisa u Dlomo, wasel' eguqula kwakona u Dlomo, yalwa yada yancamana yombini, kungabangako ide yatshiselwa imizi. U Dlomo akavumanga kaloku ukupatwa ngu Radebe, yaseliba yimizi ngemizi mhlope, emini.

Xa kubongwa u Dlomo kutiwa—Dlomo dlundlululu; Wena ngewafela Enqobotyeni angati ama Nkomo angabiko.

Ama Hlubi lá abizwa ngonina ka Dlomo, intombi ka Hlubi.

Kutiwa xa abongwayo—

Mahlubi amahle, Mangelengele, amzimba mhle
Onga unga ngiwa nje ngowosana.
Anzipo zimnyama kuqwayana (kurwecana).

ISIZATU SEZI ZIBONGO.

Kutiwa kwati kwakuko indlala kakulu, aze ama Hlubi amane epiwa ukudla komkulu, ayeke emanizezi. Kutiwa kwakusiti xa kusakangezwa aba bangapambili kwabanye abe melwe ngenzipo ngaba bangasemva, bebarweca ukuba bazokukangela bacele, zada inzipo zamnyama kurwecana.

ABAKWA MSIMANGA.

U Ncobo wazekelwa sisizwe intombi ka Msimanga, yeza namadoda akowayo. Yazala u-Dlomo, kwatiwa ngu no-Dlomo ababantu bakowayo yeza nabo e ma-Hlubini yaseliba ngo no-Dlomo, amazala nkosi o no nkosi. Ekutiwa xa babongwayo:—

Ngono-Ludlwala lwako Dudumakazi.

Abatwa * abalutuli.

Mhla selegqibelele ukulwa umfo wakwa Msimanga uti-
Amatambo o-Mtwa andingewadli.

Abelocala ngabafo bo Makaba o Timoti nabanye.

UMNOMBO WENKOSI ZAMAHLUBI.

U-Mtimkulu (wanqangi) uzele u Ncobo inkulu, no Radebe, ekunene.

U Ncobo uzele u Dlomo, ezalelwa ngu Radebe umninawe wake. U Dlomo uzele u Mashiyi inkulu, no Ngwebu ukunene. U Mashiyi uzele u Ntsele inkulu. U Ngwebu uzele u Jingose no Dube.

U Dube uzele u Ndlakuse inkulu, no Dayide umninawe wake, kwindlu yasekunene, no Ncetezo ixiba.

U Ntsele uzele u Bungane. U Bungane uzele u Mtimkulu inkulu, no Mpangazita ekunene no Monakali e Mbutweni. U Mtimkulu uzele u Langa-libalele inkulu, u Ludidi, u Luzipo no Mhlambiso. U Ludidi uzele u Mtengwane inkulu, no Zono ekunene. Bonke ke aba base Griqualand East.

U Luzipo uzele u Mkatshane. Ló u Pesbeya kwe Nciba ngoku. U Mhlambiso uzele u Mtongane inkulu, no Sigonyela (Ebenezer) ekunene nabanye. Aba bakwa Matole.

U Mpangazita ukunene kuka Bungane, uzele u Sidinane, Mehlo-makulu, no Ntaba. U Sidinane uzele u Zibi. U Mehlo-makulu uzele u Ntsinda-ntsinda no Milani. U Monakali uzele u Zibi, ozele u Ncanywa, Sifuba, nabanye. Aba base Ncwazi. U Ntaba uzele u Tomose, umele i Tsitsa.

UMNOMBO WENKOSI ZASE KUNENE.

U-Zulu uzele kakulu wanda. Uzele u Dlamini inkulu, u-Mashwabada ekunene, kwizindlwana uzele u-Mtiya u-Mhlanga no Hlati. U-Mtiya uhle wabuba akabanga nanzala. U-Hlati uzele u-Magqeshela, ozele u-Lubambo, ozele u-Matiwana, u-Gatinoya, u-Tiyeka, u-Nziwani no Bikeka.

U-Mhlanga ka Zulu uzele onyana abatatu (1) U-Nzawose ozele u-Luqakaqaka ozele u Pita (2) U-Mditshwa uzele u-Zidumbu ozele u-Hlazo, u-Mavuso no Gijana. (3) U-Kakeni uzele u-Masinda ozele u-Mateke no Sikunyana.

* Kwazekwa u-Mtwakazi yinkosi yabo.

(Isaqutywa.)

UKUCIMA KWE NYANGA.

Kuyakubako ukucima kwenyanga ngo January ngosuku lwa 28, 1888. Koqala ngo 9 wase busuku ingabi savela inyanga kude kube lolwe 29 ngexa lika 2. 24 a.m. kusasa. Kubuye kubeko kwa omnye umnyama wenyanga ngo July ngosuku wa 23 1888 ngo 4 o'clock wakusasa. Lomnyama wobonakala kweli lase Kapa lodwa.

UMTETO OMTSHA WE VOTI E TRANSKEI.

U Mr. Gontshi ehambele kwi ofisi yase Ngcobo e Batenjini nge 15th November, wacelwa ngamanene ase Lukalweni ukuba ake achaze umteto omtsha, wewoti axele noluwake mayelana nesibeno sase Koloni, nembangi yokuba basichase. U Mr. Gontshi wati njengokuba eyakuba se Ngcobo kanjako nge 29th November, uyavuma ukuwuchaza umteto e All Saints nge 30th November, kodwa akuko kucita xesha ngokuteta nto ngo Tung'umlomo ngapandle kokuba acelwe yi ntlanganiso. Ekugqibeleni kugqitywe ukuba u Mr. Gontshi aze acaze umteto wewoti e All Saints Mission nge 30th November, aze agqitele e Clarkebury Mission, acaze na kona nge 1st December.

U Mr Thomas Tshacile inene elinengqondo entle, elisisibonda sase Nyanga labiza intlanganiso yama Qwati emzini walo kwako namanene ase Rode, anje ngo Messrs John Sondlo, Z. Tantsi namanye.

Intlanganiso yaba nkulu, yenzelwa pandle. Emveni kokuba kukangelwe indawo ka Tung'umlomo, kubuzwe ukuba impendulo ye nkosi u Dalindyebo iko na? Kutiwe hai.

U Mr. Tshacile isibonda usukile wati kuko inene, lelakwa Blyth, elize kuciza umteto omtsha wewoti nomelo e Palamente, unga intlanganiso ingalupulapula kakuhle. Ute u Mr. Gontshi yindodana yohlanga, eze apa ngemicimbi yohlanga oluntsundu ukuza kucacisa umteto we voti ofuneka uqondiwe siti luhlanga.

U Mr. Gontshi esukile ute—uyabulela uhlobo u Mr. Tshacile ambike ngalo kule ntlanganiso, uyindodana enenkutalo enkulu kwindawo ezibekiselele kublanga olu ntsundu. Kwi micimbi yohlanga akuko Mxosa, Mfengu, na Mtembu, njengokuba ibala lilinye liyasimanya ukuba singenzi zabluko, yaye imfundo ibonisa ukungabani na msebenzi kwa makwele eluhlangeni olubala linye. Ute okokwake ungu Mxosa um-Ngqika, kodwa akaboni sahluko kuye, no Mtembu nakwi Mfengu, ibala lilinye nje.

Ute uze apa egameni lo Manyano lwaba Ntsundu, ukuza kuciza umteto wewoti omtsha, acinga ukuba uyakuba lilungelo elikulu kubantu abantsundu base South Africa. Ute ukuze intlanganiso iqonde, uyakutabata emva atyile u melo e Palamente into oluyiyo. Uqale nge Palamente, watyila into eyiyo ukwenziwa kwayo nomsebenzi wayo. Ucaze isahl'uko pakati ko meli e Palamente, ne mantyi wayixela imicimbi yommeli ukwahluka kwayo kweye mantyi. Uqale e votini into eyiyo wati i voti ema Ngesini yinto eyenziwa ngamanene, mhlaumbi ngabantu ababekekileyo abayiqondayo into abaye ngayo. Ucaze uhlobo i Koloni ebi vota ngalo ngapambili, waze waxela ukuba ngoku uguqule umteto, kutiwa omakavote makake indlu elixabiso le £25. Ute intlanganiso iyazi ukuba kuko intlanganiso yama Mfengu esekwe e Nqamakwe ekutiwa ukubizwa kwayo lu Manyano lwaba Ntsundu. Le ntlanganiso yeyokufuta emakaya imicimbi ebekiselele ebantwini ililiso nge linye icala labantu. Intlanganiso le namhla asiyo eyaba fana bodwa. Kutiwa abafana banegwebu lobutsha. Bona intlanganiso isekwe ngamadoda axubayo abekekeleyo; anengqondo, anje ngo Messrs. J. Mazamisa, J. Sikwebu, K. Dingiswayo, L. Mgidi, namanye amanene ama Mfengu, amadoda azizima-mhlaba ema Mfengwini, awenze izakiwo ezinexabiso alahlekelwe zimali ezininzi. Ute emapepeni inenye ifundile ngentshaba zalontlanganiso ezifumana, ziteta. Intlanganiso leyo ijonge ukulwa no Rulamente. Ute naye ulilungu lo Manyano olo, uyayixelela intlanganiso ukuba uyakolwa ukuba u Manyano e Transkei lusayakuba yintlanganiso engumlomo wayo yonke i Transkei, okunye kupela yona ikangela ukulwela amalungelo abantu. Ijonge ekubeni uhlanga oluntsundu e Transkei lumanyane.

Ke nivile ukuba i Koloni yabena pantsi kwegama lika Tung'umlomo. U Tung'umlomo wasibika isibeno kuma-Mfengu e Transkei, ngokungenisa kwi ntlanganiso yo Manyano. yama-Mfengu ase Nqamakwe eyayi kwa Nomabeya nge 30th September. Manditi lendawo yaxoxwa imini yonke, ekugqibeleni intlanganiso yagqiba ngokuba ingangeni kwisibeno sase Koloni.

U Mr. Gontshi ungene waciza izizatu ezibange ukuba bangahlomeli ku Tung'umlomo. Umteto omtsha lo ulilungelo elikulu eluhlangeni, kuba namhla u Rulamente osipeteyo noyinkosi yetu, ufuna ukwenza umteto wokomeleza inkutalo elusatsheni lwake. Uti mna ngesiko lakowetu lama Ngesi, ivoti le yenziwa ngabantu abakileyo, ababekekileyo, nekuko isigxina apo bakona, isigxina esinje ngoxande. Nasemva e London akuvoti wonke ubani, kuvota onendlu okunene iminyaka.